NATIONAL TREASURY

## Umkhombandlela woluntu…

# Ulwabiwo mali luka 2008



# Sidunga-dunga isaqhwithi

Imo yozoqoqosho kwilizwe jikelele ikwizinga eliphantsi kwaye ukhulo kwezoqoqosho zelizwe jikelele kuthande ukuba kwizinga elise zantsi ,kuphinde kubekho nokuthandabuza okukhoyo malungana ne marike zezezimali kumhlaba jikelele.

Ezoqoqosho zalapha emzantsi afrika zizaku chaphazeleka yilemeko. Nangona kunjalo, ezoqoqosho zeli zinesiseko esiluqilima kwaye notyalo mali luyakhula nto leyo ithetha ukuba indlela eya phambili iyakhanya. Sizosithozamisa esisaqwhithi.

Ezoqoqosho zalapha emzantsi afrika zikhule nge pesenti ezinhlanu ngonyaka, kuleminyaka emihlanu edlulileyo. Ukususela ngo 2001, sele kudalwe imisebenzi engapha kwesigidi.

Ngenxa yokukhula kwezoqoqosho, nempatho encomekayo yezimali zoluntu, imali esetyenziswa ngurhulumente ikhawulezile ukukhula susela ngo 2001. Nto le yo ibangela ukuba urhulumente akwazi ukunyusa imali ayifaka kwinkozo zemfundo, eze mpilo, eze ntlalontle, ezezindlu, emapoliseni, kwindlela, iintolongo nama bala ebhola ekhatywayo


Njengokuba kubekhona ukhulo kwezoqoqosho siye sadibana neziphazamisi ezifana noku nqaba kwa bantu abanesakhono, ukungabikho kombane owaneleyo, ukunqaba nokungoneli kwesamente. Zonke ezimpawu ezibonakalisa ukuba ezoqoqosho zeli sezifikelele kwinqanaba lokugqibela. Ukuze sikhulise uqoqosho lwethu, kufuneka si tyale imali kwizakhono, izakhiwo, omatshini, izixhobo zokusebenza, iindlela nezithuthi zika wonke wonke.

Ngenxa yezi ziphazamisi, nokungomeleli kwezoqoqosho emhlabeni jikele, ezoqoqosho zeli, zingahla ze zikhule nge pesenti ezine ngonyaka, kule minyaka imithathu izayo. Elizinga loku khula linga phantsi kwezinga ezoqoqosho bezikhula ngalo kule minyaka mihlanu idlulileyo. Indlela ezi khula ngayo ezoqoqosho iyilungele indawo efana nomzantsi afrika. Okona kubalulekileyo kukuba siqhubeke sityalele ixesha elizayo.

Kwi minyaka emithathu ezayo ulwabiwo mali luka 2008 liza kongeza imali ukuze kwandiswe izibonelelo.

Ngoku izibonelelo ziza kufunyanwa nangamadoda aneminyaka engamashumi amathandathu (60), kwa ndiswe nezibonelelo zokutya kwabantwana besikolo, kuphuculwe imeko zezi bhedlele nezikolo, kukhawuleziswe ukufakelwa kwamanzi nezindlu zangasese, kutyalwe imali kwizithuthi zika wonke wonke; konyuswe imirholo yotishala nonesi, konyuswe inani lwaba tshutshisi no mantyi, kongezwe amagumbi kwintilongo, kukhuthazwe uluntu ukuba longe umbane.

Kananjalo sithathe amanyathelo siqinisekisa ukuba urhulumente uyayiphucula indlela asebenzela ngayo uluntu. Xa kuno kufumaneka iziphuma ezincomisayo kusetyenziso lwe zimali zoluntu kuze notyalo zimali lube kwizinga eliphakamileyo singa kwazi ukunyusa isantya sokhulo kwezoqoqosho siyo kufikelela kwi pesente ezintandathu. Usemninzi ke ngoko umsebenzi esisafanele ukuba siwenze. Isiseko sezoqoqosho zeli somelele kwaye sizaku vivinywa kule minyaka izayo. Nge migaqo siseko elungileyo nango kusebenza ngokuzimisela kwa bemi beli singakwazi ukukhulisa ezoqoqosho ze senze umahluko kubomi babemi beli lizwe silithandayo.




## Luyintoni ulwabiwo mali lukaZwelonke?

**Minyaka le ngeyoMduba (Februwari) uMphathiswa wezeMali ubhengeza ngendlela uRhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela uRhulumente azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Le nto ibizwa ngokuba Lulwabiwo mali lukazwelonke. Icacisa ngendlela imali ezakwabiwa ngayo phakathi kwamanqanaba kaRhulumente ukusesela kuzwelonke, amaphondo ukuyakuthi xhaxhe ngoomasipala.**

## Amagqabantshinsthi olwabiwo mali

### Olona tshintho luphambili kolu lwabiwo mali:

- iR12 bhiliyoni yongezelwe inkam-nkam
- iR7,6 bhiliyoni yongezelwe ukwakhiwa kwee ndlela, neziporo zika loliwe
- iR8,7 bhiliyoni yongezelwe izindlu, ukucoca nokuzisa inkonzo zamanzi eluntwini
- iR2 bhiliyoni yongezelwe indebe yebhola yehlabathi ka 2010, nolwakhiwo lwamabala ebhola
- iR6,2 bhiliyoni yongezelwe ukulwa intshologwane ka gawulayo, ukuphucula izibhedlele, amasebe ezemfundo aphakamileyo kunye nesifo somhlaza
- iR2,5 bhiliyoni yongezelwe isebe lophuhliso nama shishini asakhasayo
- iR2,6 bhiliyoni yongezelwe isebe lezolimo nemihlaba
- iR2,7 bhiliyoni yongezelwe ukwandisa inani lamamapolisa
- iR2 bhiliyoni yongezelwe isebe lentolongo
- iR1,4 bhiliyoni yongezelwe isebe lezemfundo ephakamileyo kunye nophuhliso lobu ngcali

### Izicwangciso zerhafu ezicetywayo

- I R 7,7 bhiliyoni yesibonelelo kwirhafu
- Amalungiselelo okukhuthaza abaqeshi ukuba bancedise abasebenzi babo ababhatalwa imali encinci ngebhasari zabantwana
- Ukunciphisa irhafu yabasebenzi
- Idlela yokuqokelela irhafu eyenziwe lula ukulungiselela amashishini asakhasayo
- Ukubeka imali engange R5 bhiliyoni ecaleni kuleminyaka mihlanu izayo ukuze incedisane nezoqoqosho nokudala izithuba zemisebenzi
- Irhafu kumafutha ezithuthi izakwenyuka ngeesenti ezineshumi elinanye (11 cents) ukususela nge 2 April 2008
- Ixabiso lepakethi yezigarethi eziyi 20 izakunyuka nge 66cents
- Ixabiso lebhotile ye wayini eyi750ml izakunyuka nge 9cents
- Inkonxa yebhiya eyi 340ml izakunyuka nge 7,2 cents
- Ibhotile yezitshisayo (brandy/spirts) izakunyuka nge R2,17

# Amalungiselelo endebe yebhola yehlabathi ka 2010


Amalungiselelo endebe yebhola yehlabathi ka 2010 aqhubela phambili. Sakha amabala, indawo zokuhlala, indawo zababukeli (fan parks) ne ndawo zokubukela zoluntu.

Siwenzile onke amalungiselelo ezinto ezifunekayo ukususela kumbane ukuya kwezoqhakamshelwano, indawo zokuhlala, ezokhenketho, ukuphuhlisa nokuhombisa iidolophu zethu. Senza namalungiselelo kwicandelo lezempilo, ukhuseleko, ezendalo inkcubeko nama siko, sikwaqeqesha nabantu abazakuncedisa kulomsebenzi.

Umsebenzi kumabala amahlanu akhiwayo uqale ngo 2006, lamabala aseKapa, eRhawutini, eMbombela, eNelson Mandela Bay naseThekwini. Kanjalo akwamahlanu amabala azakuphuculwa umgangatho wona ase Rhawutini, eMangaung, ePolokwane, eRustenburg naseTshwane. Ukuphuculwa kwalamabala kuqalwe ngo 2007. Ukwakhiwa kwalamabala matsha sekudale imisebenzi yethutyana eyi 170 000. Urhulumente sele enikezele nge R8,4 bhiliyoni kulwakhiwo nophuhliso lwamabala ebhola. Amabala azakusetyenziselwa iConfederations Cup kufuneka abe egqityiwe ngeyomnga kulonyaka ka 2008. Kanti amabala azukusetyenziselwa indebe yebhola yomhlaba ka 2010 kufanele ukuba agqitywe ngeyomnga ku 2009.

Ukuze sifezekise ezi zindululo abakhi kuzakufuneka basebenze ngesantya esiphezulu. Ukuhlangabezana nokunyuka kwamaxabiso urhulumente wongeze iR1,2 bhiliyoni lonto yenze ukuba iyonke imali ebekelwe ulwakhiwo lwamabala, yiR9,6 bhiliyoni.

Kukwakwo neR9bhiliyoni ebekelwe izithuthi zika wonke wonke kunye nezinye iproject ze ndebe ye hlabathi. Iidolophu ezizakube zibambe lemidlalo zifumene iR684 yezigidi zerandi khona ukuze zikwazi ukulungiselela lomnyhadala.



# Ukwenyuka kwe nkam-nkam nokwandiswa kwenkqubo yenkam-nkam



Bangaphezulu kwizigidi ezilishumi elinambini abantu abafumana uncedo kurhulumente. Ezi zibonele yindlela urhulumente akhusela ngayo abantu abahlelelekileyo ngokubaxhasa yaye ezi zibonelelo zijoliswe kubantwana, abantu abadala nabantu abangasebenziyo kuba bekhubazekile. Ezi zibonelelo ziquka inkam-nkam, isibonelelo sabantu abakhubazekileyo, esabantwana, esabantu abakhulisa abantwana abangenabazali nesabantu abakhathalele abantu abangakwazi kuzenzela nto.

Kwiminyaka elishumi edlulileyo urhulumente uye wandisa indlela abonelela ngayo abantwana ngokuthi enze isibonelelo sabantwana abanganabazali kunye nesibonelelo sabantwana abanabazali abangamahlwempu. Kulwabiwo mali lalonyaka yandisiwe iminyaka yabantwana abafumana isibonelelo. Kungoku nje esi sibonelelo sizakufunyanwa ngabantwana ukususela ekuzalweni de bagqibe iminyaka elishumi elinesihlanu ubudala.

Inkam-nkam yabantu abadala yenye yentsika zezibonelelo urhulumente anceda ngayo uluntu. Uninzi lwabantu abafumana inkam-nkam ngabantu abangenayo enye indlela yokufumana imali. Oku kukhokhelele ekubeni urhulumente ahlise iminyaka amadoda afumana ngayo inkam-nkam , kungoku nje leminyaka izakwehliswa ukusuka kumashumi amathandandathu anesihlanu iyokuma kuma shumi amathandathu. Nto leyo ithetha ukuba amadoda njengabafazi azakufumana inkam-nkam ukususela kwiminyaka engama shumi amathandathu.

Ngomnyaka ka 2008/9, imali ezakuthi isetyenziswe kwi zibonelelo izakunyuka iyokufika kwi R69 bhiliyoni. Lento yenza umzantsi afrika ubengomnye wamazwe asebenzisa imali eninzi kwizibonelelo zoluntu.

Izibonelelo zoluntu zinyuke ngoluhlobo:

- I nkam-nkam yabantu abadala, abakhubazekileyo nabakhathalela abanye abantu inyusiwe ukusuka kwi R870 ngoku yiR940 ngenyanga.
- Isibonelelo sabantwana sizakubayi R210 ngenyanga ukuqala nge 1 April 2008. Sizesenyuke sibeyi R220 nge 01 October 2008.
- Isibonelelo sabantu abagcina abantwana abangenabazali sizakunyuka sibeyi R650 ngenyanga.

Urhulumente unendidi zophuhliso zokunceda abemi abahluphekileyo. Abantwana abafumana isibonelelo ababhatali esikolweni, kanti nabo abangasifumaniyo isibonelelo banongabhatali esikolweni kodwa ixhomekeke kwimivuzo yabazali. Bonke abantwana abaneminyaka engaphantsi kwemithandathu bafanele ukufumana inkonzo zempilo ezingabhatalelwayo. Onke amalungu afumana isibonelelo kwaye bengenayo iMedical Aid Scheme banelungelo lokufumana uncedo lwezempilo mahala.

## Utyalo Mali Kwinkonzo Zombane

UEskom une mizi mveliso engamashumi amabini anesithandathu. Le mizi ivelisa umbane oqikelelwa kwi 37 761 mega watts ( MW) . kodwa ke kufumaneka i35 436 MW, ze i2 345 MW yalo mbane ifumaneke ngamaxesha axakekileyo.

Ngenxa yemfuneko yombane egqithisileyo, imizi yemveliso yombane emidala iyohluleka, lonto yenze ukuba umbane uphazamiseke eMzantsi Africa. Xa kukho ulungiso okanye ulondolozo , enye imizi mveliso iyavalwa nto leyo eyenza ukuba uEskom angabinako ukuvelisa umbane owaneleyo. Iziphumo zoku - kungabikho ko mbane.

### Utyalo - mali kwisiseko esizinzileyo sokhuliso- qoqosho

Ukukhawulelana nokungabikho kombane owaneleyo, uEskom olelinye lamasebe karhulumente, utyale imali engange R342 billion kuleminyaka mihlanu izayo, kwimizi mveliso emitsha.

**Amalungiselelo exeshana aquka:**

- Ukubuyiselwa emsebenzini kwemizi mveliso emithathu ebiselugcinweni- Camden, Komati and Grootvlei - xa idityanisiwe yenza umongezelelo we 3 677 MW.
- Ulwakhiwo lwemizi mveliso emibini ezakusebenzisa irhasi - Mossel Bay and Atlantis. Le mizi izakwangeza i1 042 MW.
- iGas1 project izakongeza amandla ombane aqikelelwa kwi 1 036 MW.

**Amalungiselelo Azinzileyo aquka:**

- Ulwakhiwo lweIngula pump storage project, kumantla Kwazulu Natal. iIngula izakuvelisa amandla ombane aqikelelwa kwi 331 MW ngomnyaka 2012 aze lamndla ongezwe ayofika kwi 993 MW ngonyaka ka 2013.
- Ulwakhiwo lomzi wemveliso wombane iMedupi eseLephalale. Lomzi uzakongezelela umbane ongange 4 788 MW, ozakufumaneka ekuqaleni kuka 2012 uphele ngo 2016.
- Ukusungulwa kweproject Bravo ngase Witbank, kuzakongeza i4 818 MW. Iyokuqla ukusebenza ngoJuly 2012 iyeke noDecember 2015.
- Ulwakhiwo lwe wind farm eKapa eyakugqitywa ngo 2010.

Onke lamalungiselelo azakubangela ukuba umzantsi Africa akwazi ukumelana nemfuno zombane. Kodwa kuseyimfuneko ukuba uluntu luwusebenzise ngenkathalo umbane.

